VAKALISA ULUVO LWAKHO!

# INGXELO ENGOMGAQONKQUBO OLUYILO ONGOKUCUTHWA KOGXALATHELWANO LWEZITHUTHI

ISixeko saseKapa sihlaba ikhwelo kubo bonke abo banomdla namaqela achaphazelekayo ukuba banikezele izimvo ngokujoliswe kuMgaqonkqubo oluYilo nohlaziyiweyo ongokuCuthwa koGxalathelwano lwezithuthi ezindleleni. Lo mgaqonkqubo uthi usebenze njengesikhokelo ukunceda iSixeko ukuba siphononongе kwaye silawule izicelo ezingamanyathelo okucuthwa kogxalathelwano lwezithuthi ezindleleni kwisixeko siphela.

Ulungelelane kunye neSicwangciso ngokuphangaleleyo sezoThutho esiHlanganisiweyo seSixeko (CITP) neSicwangcisobuchule soKhuseleko ezindleleni, umgaqo nkqubo lo ke, ujolise ekucutheni izehlo zokufa nomenzakalo ngokuthi kudalwe izitrato ezikhuselekileyo kuye wonke umntu. Ukufezekisa oku, kufuneka hayi nje izisombululo zobunjineli bodwa okanye unyanzeliso lezomthetho, kufuneka ngakumbi amangenelelo aluqilima apho akhuthaza indlela yokuziphatha kubaqhuba kwaye enoxanduva nolwazi oluphangaleleyo ngokumalunga nokhuseleko ezindleleni kubo bonke abasebenzisi bendlela.

**Iinjongo eziphambili zalo mgaqonkqubo oluyilo ziquka ukumiselwa kwenkqubo engokuluqilima, ethi:**

- Ikhusele ngakumbi abona basebenzisi bendlela abasemngciphekweni ingakumbi apho babonakala besemngciphekweni.
- Kuqapheleke iindledlana zendlela ezinjengeeasethu zoluntu ezilungiselelwe ukusetyenziswa ngabo bonke abasebenzisi bendlela.
- Uphendule imibandela engxamisekileyo engokhuseleko ezindleleni ezikwizitrato zasekuhlaleni, njengoko ziyakuthi zivele.

Ngokwecandelo17 loMthetho ongobuRhulumente boMmandla ongoLawulo lweeNkqubo zikaMasipala ongunomb.32 wango2000, uluntu namaqela anomdla okanye imibutho iyakuthi inikwe ithuba lokungenisa kumasipala izimvo, izindululo okanye izilungiso ngokujoliswe kulo mgaqonkqubo uluyilo ukususela ngowe15 kweyeThupha (Agasti) ukuya ngoMgqibelo we13 kweyoMsintsi (Septemba) 2025.

**Izimvo, izilungiso nezindululo zingangiswa:**

- Ngeimeyile: (Ucaphule inombolo yesalathiso: 110252602)
- Ikhonkco leintanethi: Skena kwikhowudi iQR ukuze ungenise izimvo zakho kubuchwepheshe bale mihla
- Ngeintanethi: Ndwendwela kwa www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Izingeniso ezibhaliweyo ezilungele ukuposwa: Amaxwebhu agcwaliswayo ukungenisa izingeniso ezibhaliweyo, ayafumaneka kwiofisi yebhungana ekufutshane nawe okanye kwisakhiwo sethala leencwadi leSixeko

**Lo Mgaqonkqubo oluyilo ongokuCuthwa koGxalathelwano lweZithuthi ezindleleni nesishwankathelo sawo sesigqeba, ziyakuthi zifumaneke ukuba ziphononongwe:**

- Kwiwebhusayithi yeSixeko: www.capetown.gov.za/haveyoursay
- Kuzo zonke iiofisi zamabhungana nakwizakhiwo zamathala eencwadi zeSixeko

IYunithi yeNtathonxaxheba yoLuntu iyakuthi incedisane nabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo. Qhagamshelana noZandile Mahlasela kwa 021 400 5501or okanye ku Zandile.Mahlasela@capetown.gov.za.

**Ukuze ufumane ingcaciso engakumbi ngokumalunga nale prowujekthi, imeyilela kwa UrbanMobility.CT@capetown.gov.za okanye uqhagamshelane noMphathi weProwujekthi kwa 021 812 4411.**

Nceda uqaphele ukuba olu cebiswano lelokuba kufumaneke izimvo ngokujoliswe kulo mgaqonkqubo uhlaziyiweyo hayi ikhwelo lezicelo ezitsha ezingokucuthwa kogxalathelwano lwezithuthi ezindleleni.

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
**CTA161/2025**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

**Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.**